UNtando noThando ngamawele. Bathanda ukudlala kunye. UThando usebenzisa isitulo samavili.





UNtando uyathanda ukutyhala uThando ngesitulo samavili. UThando akayithandi lonto. Ufuna ukuzityhalela isitulo sakhe. Ngenye imini, kwanetha  kwabakho inkungu.

Ngesiqhelo, uNtando etyhala uThando.
Akazange awubone umngxuma
owawuphambi kwesitulo  samavili.





Ivili langaphambili langena emngxunyeni sabhukuqa noThando isitulo samavili.

“Uyabona ngoku, Ntando, undiwisile. Yiyo loo nto ndingathandi ukutyhalwa.”





UNtando wazama ukuphakamisa uThando abuyele esitulweni  samavili. Wala uThando engafuni luncedo.

UThando watsala isitulo samavili wasisondeza kuye.






Wasebenzisa izandla zakhe, wakhwela kwisitulo samavili.

“Uyabona, ndiyakwazi ukuzikhwelela” utshilo uThando edanisa ngovuyo kwisitulo sakhe samavili.





UNtando wavuyela umntakwabo. Uthathe ibhola eyayingasemva kwesitulo samavili wayiphosela uThando. UThando wayiganga ibhola baphoselana.

Amawele onwaba edlala ngebhola uThando ekhwele esitulweni samavili.

